# Kutheni kukho umngxuma eludongeni?



Amy Slatem
Kirsty Paxton
Danielle Botha

*Every child should own a hundred books by the age of five. To that end, Book Dash gathers creative professionals who volunteer to create new, African storybooks that anyone can freely translate and distribute. To find out more, and to download beautiful, print-ready books, visit bookdash.org.*

*Kutheni kukho umngxuma eludongeni?*
*(Why is there a hole in the wall?)*
Illustrated by Amy Slatem
Written by Kirsty Paxton
Designed by Danielle Botha
Edited by Catherine Deiner
with the help of the Book Dash participants in Grahamstown on 12 November 2016.

ISBN: 978-1-776231-25-6

This work is licensed under a Creative Commons Attribution 4.0 Licence (http://creativecommons.org/licenses/by/4.0/). You are free to share (copy and redistribute the material in any medium or format) and adapt (remix, transform, and build upon the material) this work for any purpose, even commercially. The licensor cannot revoke these freedoms as long as you follow the following license terms:

Attribution: You must give appropriate credit, provide a link to the license, and indicate if changes were made. You may do so in any reasonable manner, but not in any way that suggests the licensor endorses you or your use.
No additional restrictions: You may not apply legal terms or technological measures that legally restrict others from doing anything the license permits.
Notices: You do not have to comply with the license for elements of the material in the public domain or where your use is permitted by an applicable exception or limitation.
No warranties are given. The license may not give you all of the permissions necessary for your intended use. For example, other rights such as publicity, privacy, or moral rights may limit how you use the material.

# Kutheni kukho umngxuma eludongeni?



Amy Slatem
Kirsty Paxton
Danielle Botha

ULungisa wayehlala kwilali ekwakusithiwa kuseSkhaleni okanye iNdawo yeNgxolo.

Abanye abantu bayibiza ngokuba yiHole in the wall.



“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?”
uLungisa wabuza umama wakhe.

“Kuba omnye wabantu baselwandle wasebenzisa intloko enkulu yentlanzi ukuqhekeza udonga ukuze akwazi ukufikelela kowasetyhini owayemthanda,” waphendula.



“Yanomdla loo nto,” watsho uLungisa.






“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?”
uLungisa wabuza utitshala wakhe.

“Kuba amaza antlitheka elityeni iminyaka engamawaka, aza enza umngxuma kwilitye lentlabathi,” watsho.



“Yanomdla loo nto,” watsho uLungisa.





“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?” uLungisa wabuza umakhulu wakhe.

“Ukuze izinyanya zethu zibe nendlela yokuza kuthi,” waphendula.

“Yanomdla loo nto,” watsho uLungisa.

“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?”
uLungisa wabuza u-anti wakhe.

“Yifestile eya kuThixo,” watsho.

“Yanomdla loo nto,” watsho uLungisa.





“Kutheni kukho umngxuma eludongeni?”
uLungisa wabuza umhlobo wakhe.

“Kuba inqanawa yatshayisa
eludongeni,” waphendula.

“Yanomdla loo nto,” watsho uLungisa.



"Kutheni kukho umngxuma eludongeni?" uLungisa wabuza udade wabo omncinci.

"Ukuze umntakwethu aqhubeke abuze imibuzo," watsho.

Waza uLungisa wahleka.



Kodwa waqhubeka ebuza.



